# Ikona na Intaba Oyaziyo? Kwezi Zimiyo Eyaka Yafuduka?

Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto

Intaba eyafudukayo "Mayibuye"
Nabo abantu Bako bazizantanta
Beqonda mhlope kuba Ilizwe eli
Limile kodwa lona ngonapakade.

Taru! Afrika Hobekazi Afrika
Ndlov' enemixaka yiyo Imirczo
Esuka Emhlabeni yati ngqu ngamazulu
Ube noko ungumceya ongangenizembe

Sikonyizililo siti mawubuye
Wada wafanelwa yimb'ol' ungayiqabi
Sixakiwe konke kuba kumke tina
Njengenkomo zetafa zimka nenkungu.

Taru? Afrika Hobekazi Afrika
Sigcaw' esinoboya sakwa Mtirara
Intlombe imnandi Emagqobokeni
Ati "Buya" wena engabuyi wona.

Saqela kakade tina magqoboka
Ukuboni Sibi kwiliso lomunye
Namhlanje Afrika sikwenza Ihlati
Lokutwala onke amatyala etu.

Kanti ke no Yesu waye watwele nje
Waye ngumntu etyunyuzwe lubetelo
Waye ngu Lizwi weza waba Yinyama
Ukuze Ngaye sitwale Isits'aba.

Niti ke i Afrika mayenzenjani
Ingateti nje ingevi kwanokuva
Ayina mona ayibangi mawonga
Ayityi nazimali zabantu bayo.

Upi yena lo Tixo simtandazayo
Nalo simtandazayo asingowetu
Sakwenzela intlants' eziq'uq'umbayo
Ziq'uq'umbela Intaba yase Yuropu.

Nabo ke ubulumko bo Tixo wabo—
Ntu bhinqela Indyebo yase Zulwini
Tina zesibhinqele eye Afrika
Zezakwa Faro ke ezo Izilumko.

Ezaziti tshisa izitena ngenc'a
Litshone Ilanga ungabonanganto
Nangoku kunjalo nakuti Bantsundu
Kusa siqondele! Kuhlwe singaboni.

Buya ke! Kumbula u Tixo wako
Umb'oli wenqanawa ziqekeka
U Tambo Dala okade bemqongqota
Mabamqongqote namhlanje e Afrika.

Buya ke! Utabatele ekuqaleni
Kumbula Umtundezi wako uneqenqa
Akutundeze ku Lwandle Olubomvu
Ukudla kokuoelwa kuyaqumbela

Kauve!

Umteteli wa Bantu
(Johannesburg)
March 22nd, 1924.